Isalathiso: 20200708-6865
Inombolo yefayili: 12/2/13/6
Imibuzo: A Henriques

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuNika iNkxaso yeziBonelelo kumaZiko: 0005/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela Balawuli kwii-ofisi zezithili, kwiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo zesiqendu 21

Isihloko: Uku-odolwa kwephepha lokufotokopa eliyi-A4 zizikolo zesiqendu 21

1. Kucelwa uqaphele ukuba inkqubo yoku-odola ekule ngcaciso imfutshane isebenza kwizikolo zesiqendu 21 kuphela.

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) lingene kwimvumelwano *(contract)* (*B/WCED* 2485/19) nababoneleli-nkonzo ababini ukususela nge-02 Septemba 2019 ukuya kwi-31 Agasti 2022, yokuba bathengise kwaye bazise iphepha elimhlophe lokufotokopa eliyi-A4 (*Rotatrim/Typek*) ezikolweni. Makufundwe iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loKunika iNkxaso yeziBonelelo kumaZiko 11/2019, yomhla we-18 Oktobha 2019.

3. Izikolo zesiqendu 21 zinikwa ithuba loku-odola ngqo iphepha elimhlophe lokufotokopa eliyi-A4 kumboneleli-nkonzo ekuvunyelwene naye ukuba athengise yaye azise iphepha elimhlophe lokufotokopa eliyi-A4 kwisithili semfundo ngasinye esichaphazelekayo. Ngoko ke izikolo zesiqendu 21 ziya ku-odola kwaye zibhatale ngqo kumboneleli-nkonzo wemvumelwano. Iinzuzo ezifumaneka eku-odoleni kumboneleli-nkonzo wemvumelwano ziquka ixabiso eliphantsi lento nganye kwakunye nokusiwa kwe-odolo esikolweni.

4. Iinkcukacha zababoneleli-nkonzo bemvumelwano yokuthengisa nokuzisa iphepha elimhlophe lokufotokopa eliyi-A4 zezi:

4.1 INkonzo1 (UNdlunkulu neZithili ze*Metro*) neNkonzo 2 (ISithili i-*Cape Winelands*)

Dooling IT Solution CC
PO Box 39205
Capricorn Park
7945
Umntu emakuqhagamshelwane naye: Nks Telezita Dooling
Idilesi ye-imeyili: wc@dooling.co.za

4.2 **INkonzo 3 (ISithili i-*Overberg*), iNkonzo 4 (ISithili i-*West Coast*), iNkonzo 5 (ISithili i-*Eden* ne-*Central Karoo*)**

Business Development Executive: EBK Distributors (Pty) Ltd
PO Box 1344
Johannesburg
2000
Umntu emakuqhagamshelwane naye: Mnu Beryl Weimers
Idilesi ye-imeyili: info@ebkdistributors.co.za

5. Ilisti yamaxabiso eqhotyoshelweyo iya kusebenza ukususela nge-02 Septemba 2019 ukuya kwi-31 Agasti 2022. Ziyacelwa izikolo zesiqendu 21 zisebenzise amaxabiso afaneleke kwiingingqi zawo.

6. Kucelwa wazise oku kule ngcaciso imfutshane onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDOD
UMHLA: 2020-07-29